**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesithathu)**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**AMANQAKU: 80**
**IXESHA: 2 iiyure**

**IMIYALELO**


- Eli phepha linamacandelo amathathu, icandelo A, B no C.
- Phendula umbuzo ube mnye kwicandelo ngalinye.
- Nombola imibuzo yakho.
- Phendula imibuzo ngokwemiyalelo yombuzo ngamnye.

ICANDELO A


**UMBUZO 1**

Bhala isincoko sakho ngamagama angama 250 – 300.

1.1 Ubukho kule ndawo wazibonela ngawakho amehlo okwathi kwenzeka. Sibalisele ngale mini.



1.2 Enye yeendlela zokunqanda ulwaphulo-mthetho nobukrelemnqa kukuncedisana nolutsha kwimizamo yalo yokuzakha nokuzenzela. Chaza iindlela ulutsha olungancediswa ngazo.




1.3 URhulumente wesininzi uhlab' ekhangele kuba emva kweminyaka elishumi wasekwayo zivakele izingqi zakhe kuba iinguqu zezibonakalayo. Ingaba uyavumelana na nale mbono? Yiza nezimvo zakho ngalo mcimbi.

1.4 Nanamhla oku isabathimlisa abaninzi into yokukhutshwa kwezisu, bayala bayalandula. Ngena ezihlangwini zala maqela angaboni ngasonye kulo mcimbi. Bhala uxoxe ngobuhle nobubi besi senzo ngokwembono zala maqela.

1.5 UYehova akaphi ngasandla. Nantsi imiliyoni yeerandi oyiphumeleleyo kukhuphiswano lika 'coca-cola mega millions'. Yiza neendaba size neendlebe. Siphulaphule indlela oza kuyisebenzisa ngayo le mali. 1x40=(40)

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**


Khetha isihloko sibe sinye ubhale ngamagama angama – 120 – 150.

2.1 Ungumfundi ozithembileyo uza kuphumelela ibanga lakho leshumi kodwa ingxaki yakho liqhosha elingenamngxuma (imali). Bhalela ibhanki yakwa ABSA ucele uncedo ubolekwe imali.

2.2 Ukunyaka wakho wokugqibela webanga leshumi. Wena wasoloko usala ezintweni ngenxa yeemeko zekhaya. Namhlanje uyanqwenela ukuba yinxalenye yabafundi bebanga ofunda kulo njengoko kuya kube kuthiwa ndlela-ntle. Niyakhutshwa nisiwa eThekwini. Bhalela umakazi okanye umalumekazi wakho umcele ukuba akuncedise ngeentwana ntwana eziya kwenza okokuba umthwalo noko uthwaleke ungahleleleki kwaphela.

2.3 Ubukumsitho wolutsha (street bash) kwenye yelokishi kwindawo ohlala kuyo. Ngelishwa kwenzeka esi siganeko. Bhala ingxelo ngako konke ekuthe kwenzeka kude kube nje.



1x20=(20)

**AMANQAKU ECANDELO B: [20]**

ICANDELO C

**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibe sinye ubhale ngamagama angali- 120 – 150.

3.1 Ufunde incwadi kwithala leencwadi. Bhala isigxeko sincomo sale ncwadi uyifundileyo.

3.2 Ubungomnye wamalungu athe aya eSwirtzerland ukuya kuthethelela ilizwe lakho, uMzantsi Afrika ukuba lityunjwe njengelizwe elinokuwuphatha umdlalo webhola ngonyaka wama-2010. Bhala ingeniso yedayari yamalungiselelo eveki yokugqibela phambi kosuku lokumenyezelwa kwelizwe eliphumelelayo.

3.3 Bayasishiya basithele emehlweni ethu basale ezintliziyweni zethu. Siyabakhumbula. Khawusibhalele ngobomi balo mntu ulele apha.



**AMANQAKU ECANDELO C: [20]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**